# Storybooks South Africa

global-asp.github.io/storybooks-southafrica

## Ibhasi Enkulu Ezuba

Written by: Mecelin Kakoro
Illustrated by: Mango Tree
Translated by: Xolisa Guzula

This story originates from the African Storybook ( africanstorybook.org) and is brought to you by Storybooks South Africa in an effort to provide children's stories in South Africa's many languages.

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 International License.

https://creativecommons.org/licenses/by/4.0

# Ibhasi Enkulu Ezuba




Mecelin Kakoro
Mango Tree
Xolisa Guzula
Xhosa
Level 2




Kwakukho ibhasi enye jwi elalilini ka-Ebei. Yayinkulu kwaye izuba ngombala. Yayingxola kakhulu.




Ngenye imini umama ka-Ebei wathi, “Kusasa ngomso sizokuya edolophini siyokuthenga iyunifomu yakho.”




U-Ebei wavuya kakhulu. Babeza kuhamba ngebhasi enkulu ezuba ngombala. Wayengakwazi ukulala ebusuku luvuyo.






U-Ebei wayengenaxesha lombala webhasi. Wayengenaxesha lobukhulu bebhasi. Wayevuyiswa kukuba wayesiya edolophini.




“Iphi ibhasi enkulu ezuba ngombala?” Kwabuza umama ka-Ebei. “Yonakele,” waphendula umqhubi. “Siyayilungisa, iza kuba khona ngomso,” watsho umqhubi.





Wayesele enxibile ngelixa umama wakhe engena ezokumvusa.



U-Ebei nomama wakhe baya esitophini sebhasi. Balinda ibhasi enkulu embala uzuba. Kodwa ibhasi ayizange ifike.





Abanye abantu abaninzi babebaleka beleqa ukukhwela ibhasi. Kodwa babesele beshiywe lixesha. Ibhasi yayisele igcwele. Ibhasi ebomvu yahamba yaya edolophini.



U-Ebei wajonga phandle ngefestile. Wabona abanye abantu abaninzi esitophini.





Abanye abantu bafika nabo esitophini. Babekhalaza kuba ibhasi yayingalibambanga ixesha layo. “Ingaba ibhasi isishiyile?” Babebuza.



U-Ebei wakhathazeka. “Asizukwazi ukuya edolophini. Asizukwazi ukuyokuthenga iyunifomu yam,” wacinga.






U-Ebei nomama wakhe bangena kuqala. Ngomzuzwana wonke umntu wangena ebhasini ebomvu encinane.




“Ngenani! Ngenani!” wakhwaza umqhubi Waphinda wathi, “Sishiywe lixesha namhlanje.





Abanye abantu bajika babuyela emakhaya. Kodwa u-Ebei wayekhala engafuni ukuya ekhaya. Umama wakhe wamthuthuzela wathi, “Siza kuqhubeka silinde.”



Ngokukhawuleza beva ingxolo. Babona uthuli emoyeni. Yayisiza ibhasi!





Kodwa ibhasi yayingekho zuba. Yayingekho nkulu. Le bhasi yayibomvu yaye incinane. Abantu ababelindile bayijonga nje ibhasi. Abazange bakhwele.